M. G. Khila
47 Chatham St
Cape Town

19 344.

5 - 5 - 27

Le yi Mbongi ye Sizwe-Jikelele, eyayiteta pambi kwe Prince of Wales, ngotyelelo lwake ngo May 1925.



Mr. S. E. RUNE MQAYI.

Umbali walencwadi, E. Ntab'ozuko Berlin, C. P.

# INTSHAYELELO.

NGOMNYAKA we 1918, ngomhla wesi-Kumbuzo sika Ntsikana Ongcwele, e Monti, (East London) ndacelwa yi Komiti yaso ukuba ndenze inteto. Okunene ndayenza intetoleyo, kwindlu ezeleyo. Yalwanelisa kakulu uninzi lwabapulapuli bam, bade babuye bakwa liqela abandicela ukuba lenteto ishicilelwe, ukuze i fundwe nangabanye ababengeko

Emveni koko nditete kwindawo eziliqela ngayo lenteto, ezinje ngase Xesi (e Njwaxa,) e Qonce, e Dikeni, kude kube se Rautini (Johannesburg). Nakwezondawo yamkeleke kanobom inteto leyo, kusitiwa inemfundiso ikufanele ukuba ingashicilelwa ifundise abaninzi.

Ukwenjenje oku ndizama ukukaulelana nezo zicelo, Ekubeni umcimbi lo usemtsha, izimvo zonzi zisabeta ngokubeta malunga nawo. u-Mongameli wesi Kumbuzo u M. Pelem Esq., unencwadana ayenzileyo ngawo eti *Isiyalo*. Nokoke nezinye izimvo zisafuneka U-Mongameli lowo uyibonisiwe lenteto pambikokuba ishicilelwe, wateta amazwi okuyikúlitaza nokuyinqwenelela indlela entle eluntwini lwakowayo.

Injongo zombàli zezokuba zonke izizwe ezintsundu zimanyane ngesisi Kumbuzo zibe "Mbumbä yamanyama."

Ewe, bako abangaqondiyo ukuba u Ntsikana lo waye ngum-Polofeti na ngenene, ekungade kwenziwe isi Kumbuzo ngaye: Impendulo yetu ke iti,- Masingalibazisani ngayo lendawo, —Nokuba wayengenguye ke, kodwa ngesimilo awaba siso, ufanelwe kukuba angenziwa umzekelo ngabesizwe sake.

Owenu Enkonzweni ye Sizwe,

S. E. RUNE MQAYI,

E Ntab'ozuko,
Berlin, C.P.
April 1926.



# ISIKUMBUSO

SOM POLOFETI

# U - NTSIKANA,

"Ukukünjulwa kwelungisa kuhleli kunentsikelelo."

Mizek. 10. 7.

MHLALI ngapambili, Manenekazi abekekileyo, nani nonke Manene esi Kumbuzo som Polofeti u Ntsikana Ongcwele.

Iminyaka namhla iliwaka linamakulu asicakatiso namanci omabini anesitandatu (1926) i Nkosi yetu u Y+su Krestu yabakoyo kweli pakade: kodwa noko lonyaniso isashunyayelwa ngamandla; baye abapiki bayo bese baninzi ngapezu kwabamkeli bayo. Ngako oko into entsha enje ngesisi Kumbuzo, ingabeka pina yona ukufuna ukushunyayelwa nzima, kuba intsha: yaye iqalwa, iqutywa luhlangana olupantsi, oloyisiweyo, olugungxulekiyo nase ndaweni yalo yobuntu? Iminyaka sona sitetwa namhla lo (1926) ngoweshumi linye line sixenxe; kuba saqalwa ngomnyaka we 1909.

Yindawo yam ke ngoko' ukuti kwalapa ekusukeni ndincede omnye nababini abafuna kuqonda ukuba

## YINTONINA ISI KUMBUZO?

Isi Kumbuzo yinto yoku kumbuza into, nokuba ngumntu nokuba siganeko; umntu u tyala nokuba ngumti, awenze isi Kumbuzo seso siganeko sikulu kuye, nokuba asinto eku boneni kwabanini umntu ugxumeka nokuba sisibonda, umisa nokuba lilitye. alenze isikumbuzo; umntu umisa nokuba lusuku. olunje ngolu lwe Kresimesi kuba lusisikumbuzo a mhla kuzalwa i Nkosi yetu, esitalini e Beti lehem yelakwa Juda.

Kute ngalemihla yokukanya: zabona izizwe ukuba izikumbuzo ezilungayo, zezo zinganeli kukumbuza ngomntu nje kodwa; koko zi de zibe luncedo nasesizweni eso, ngokusaka,—sakeka naso ngesi Kumbuzo saso. Unako umntu ukusenza isikumbuzo sake yedwa; unako umlibo wamatile u uzeuzela isikumbuzo senzala uyiyo: sinako isizwe ukuzeuzela isi Kumbuzo sobuzwe baso. Ndiyayishiya ke imihla ye Kresimesi, ye Cawa neye Sabata, ekwa zizinyikanyika zezikumbuzo zentlanganisela yent'anga.

*Kuma Juda* lukulu uncedo olwenziwa ngu lamhla wesi Kumbuzo sawo samhla apuma e Jipete, ekwatiwa, Ololusuku maze lugcinwe kude kube kwizizukulwana. Kesodusi 12. 14. Ukugcinwa kolosuku asikuko nokuba kuwakile ama Juda akuvuma kupanza apalale, nokuba aselecitakele ada aya ezipelweni zelimiweyo.

*Ama Ngesi* abambene ekumazwe ngamazwe, ngenxa yesi Kumbuzo sawo sika Joji Ongcwele (St. George). Lo Joji ke. enze nje into yokwakana,—ibuntsomi a; kutiwa lo Joji wa bulala isinyobolokondwane esasigqiba intsapo yomzi ngokwalantsomi yetu yempemb'enkulu eyagqiba isizwe. Ade ati ama Ngesi ukuyiqinisa lentsomi, ukuze ibe nomtsalane, awenza umfanekiso walo Joji ekwele kwingqakamba yenkabi yehashe, epete irele, egwaza ngalo eso sinyobolokondwane. Lomfanekiso uze wabekwa kwimali ezinqwenelekayo ezibomvu, ukuze umntu atî ngokuya etyeba, into enqwenelekayo ubutyebi, abe abe kwangalo elolixa ezi fumbela isi Kumbuzo esingu Joji ofunwayo.

Indoda enemali e Mangesini ayicalulwa bala labuhlanga, kuba eyililungu lesi kumbuzo sawo

Nam. zihlobo zam, lomfanekiso ndiwubona kwezi zabantu izimali ezibomvu, andizange ndibe nayo mna ngokwam, noseniwuqondisisa emakaya, kuba nina ninemali ezibomvu.

*Ama Ayilishi* anesawo isi Kumbuzo esi ngu Petreki Ongcwele (St. Patrick).

*Ama Welishi* anesawo esingu Dafeti Ongcwele (St. David).

*Ama Silamsi* anesawo esesiban be ukuba lunqulo, esika Mahomede, um Polofeti. Abantu abalunge kolunqulo sidibanisa ihlabati lonke, bangapezu kwetu makolwa ka Krestu.

*Ama Skotchi* anesawo esingu Andreya Ongcwele lo Andreya St. Andrew ke zihlobo

zam, niyakuqonda ukuba akanguye um Sktshi li Dyodi, waye ngum Pcstile ka Krestu ekucingwa ukuba nguyena wake wada wanyatela kwelo lama-Skotshi. Aselesuka ama-Skotshi ekungela kulo "fanele." Noqonda apo ke zi hlobo zam ukuba izizwe zapukile kukuhla imixauka, zifuna lento tina sınayo, koko singayi nanzile, - umntu wakowazo ezingati zikungele, pezu kwake ukwaka ubuzwe bako mawazo,—kuba isi Kumbuzo esi yinto eyenziwa ngomntu onyulu, opilileyo, ongena sihlava.

*Ama Mfengu* anesawo isi Kumbuzo, (endi kolwayo ukuba aluhlanga lokuqala kuti, *Bantu* ukuba nesikumbuzo,) esingumhla awa kululwa ngawo ébukobokeni benu ma Xosa.... Ewe, ingade ibe lonto aniyiva kamnandi zihlobo zam; kodwa seyibálwe njalo kumapepa a Komkulu, (Gazette). Saye esi Sikumbuzo si lwenzile uncedo lokuba usapo lwase Mbo lu ke lutetatetane ngolosuku lweshumi linane ku Cazibe 14th May, Ngowe 1835 umhla awafa ngawo u Kumkani u Hintsa, akululeka ke ngo kububa kwake. Nditi sibe luncede kusapo lwa ma Mfengu, kuba ake atetatetane ngeziposo zawo njengesizwe, akutazane ngendawo ana mandla ngazo njengohlanga

Esi ke nina senu, sesono sikulu kunazo zonke ezi zikumbuzwana zokwenzelelwa, nezi buye zipate kukanyelwa ngabaninizo. Esi senu sesom Polofeti u Ntsikana Ongcwele.

Yindawo yam zihlobo zam, nina umiyo paka i kwenu, ukuba ndimncede kwesi situba lowo ubuzayo ukuba—

UYINTONINA LO NTSIKANA?

Lo Ntsikana ngumfo wasema Cireni, ka Gaba, ngum-Ngqika ngokweziko lobukòsi — onyana bake u Kobe no Dukwana sihleli nabo, nantso lonzala kwa Centane nase Mgqakwebe, pantsi kwamahlati.. Intombi zake nazo zipakati kwetu.

Mandingayi ebuntwaneni buka Ntsikana mandiqalele ekumkeni kwake kowabo kwa Ngqika, oko wehla waya kwa Ndlambe, kunye namanye amapakati, oko kwakuvele ilizwi ku Nxele, itola lokuqala lisiti "Ama Ngqika la ahlala epete igazi esilwa, ngoko ke ngenye imini ayakuze ajike abe zimbovane, abe zinkuni, abe ngamawa."

Ite lenteto kuba itetwa yingangalala u Nxele, yakölelwa yada yafudusa ama Ngqika ama ninzi ava kuba ngama Ndlambe, kuba bebeso yika ukuba zizikuni namatye. Kute kupi, u Nxele watshitsha ekubeni litola elihlambululekileyo, wajika ngoku warunywa, ngenkomo e zimdaka nezilubelu,—walicamagu ngoku, wa zamkela naye. lati ke ngoko i Shologu elihle lamyekela kulento atanda ukuba yiyo.--kuku ze ke ngoku kutunywe uNtsikana ukuba aputume labantu ekulahlekisweni ngu Nxele; kuba zihlobo zam i Shologu lakowetu ngoku sitanda kwalo, lalifuna ukuba siputunywe.

Indlela atunywa ngayo bantu bakokwetu kum u Ntsikana, ibe nemibono, njengabatunywa bonke ba Komkulu. Njengo Mosisi njengo Gidiyoni, njengaba Postile, abati xaba tunywayo kwa ke kwenziwa imiqondiso nemi bono. Ngako oko asinantloni ukuti u Ntsika na lo ngum Boni, ewe ungum Polofeti Ongcwele wose Nyangweni.

IMIBONO NEMIQONDISO. Pambi kokuba atunywe u Ntsikana uqale waboniswa imibono. Umbono wokuqala awubonisiweyo ngulo: Ute ngamhla utile pambi kokuba lipume ilanga, waya ebuhlanti, njengesiko lesi Xosa, ebisa kuti indoda ivukele ebuhlanti. Apo ke kwaku se sapa e Gqora kwisiqingata sase Nqùshwa, e kubeni u Nxele wayekwesi siqingata sase Monti, evuma i Tabu kulama Hlati akwa Nkanga.

Ute esate tyu pezu kwemivalo yobuhlanti lapuma ilanga; koko lite ukupuma kwalo eli lanamhla labonisa ukuba litunyiwe kuye, kuba imita yokupuma kwalo, isuke yatsitsa esiqwini senkabi yake yenkomo ekube kutiwa ngu Hulushe igama lavo. Uyitetile u Ntsikana lento kwa oko kwinkwenkwe eyayi kwalapo ibamba itole. Ubuzile ukuba iyayibona na yona lento? Ilandula inkwenkwe. Kanye njengoko um-Postile u Paulusi wabengezelelwa kukukánya, ati amadoda aye hamba naye aliva ilizwi kodwa engaboni bani, Izenzo 9. 7.

Umbono wesibini ngulowo wati akuya e mdudweni ngakwelo Cibi le Ntonga (Breakfastvlei), kwasuke kwamana ukuvuka izipôtshongela zenqwitela akulinga ukududa, yade

lento ngoku yacaca nakwaba ninzi, ukuze ar-came ngoku, abize abafazi bake agcduke. Ate kwase ndleleni wayihlamba imbola. Waqala ngoku wateta esiti, "Lento indingeneyo iti, "*Makutandazwe*!"

Ndiyakolwa zihlobo zam ukuba wonke umntwana wom Xosa olapa esi Kumbuzweni uya kulitabata elozwi, *atandaze*, abe ngumtandazi wafuti nafuti. Naye wonke umntu otandazayo, ulilungu lesi Kumbuzo sika Ntsikana. Utshilo kanjalo ukuba kutiwa makaputume abantu bayalahlekiswa ngu Nxele. Kubeko neminye imibono nemiqondiso ayitetileyo, yenzeka, enje ngokuya waxela ukuba abantu abalandela u Nxele baya kwa Gompo, baya ku buya bezingela inyamakazi bengavukanga abo bantu kwakutiwa bayakuvuka. Okuya kanjalo watumela u Peyi uyise ka Gqoba ukuba a putume inkomo yake awayevume ngayo u Nxele, watsho esiti, "uyakuhlangana naye emkaulela, nenkomo leyo ayikúpé ngapandle kwemigca" Okunene kwabanjalo.

Umqondiso wokugqibela endiya kuwukankanya Mhlali-ngapambili, nani zihlobo zam ezibekekileyo, ngulowa wesileyiti, eseza nomfundisi omhlope u Velidyam (Rev Joseph Williams), kwa Sihota, kwisiqingata sase Bofolo. okuya wati umfundisi lowo, ukuze aqonde ukuba uyakwazi ukufundisa abantwana, kawu bale apa igama lako ndibone. Ewe zihlobo zam ezitandekayo, kuba umlungu yena ngumntu ofuna ukuké into ayibone ngawake amehlo,

angamane ukuva ngokuxelelwa; ngumfo ofuna ukuba isiziba asive ngodondolo. Yanyanisa nembongi yaseMa Xoseni eyati,

Ndike ndamdel' umlungu nditi yinkwenkwe.
Kant umlungu yindod' ikuqelil' ukupendula;
Kant' umlungu yindod' ikuqèlil' ukubuzela.

Ube kusuka u Ntsikana esimangala isileyiti, esiti, 'Eyam imfundiso ayikona kulento.' Wa mjoka njalo umlungu wamnika. Yade yafika ku Ntsikana into eté, "Sitabate." Ate okunene wasitabata kunye nopensile. Zite ukuba ziqubisane ezonto, saqekeka isileyiti sazingceba. Wotuka kakulu u Velidyam umfundisi, wavakala eteta, ewile esiguqweni esiti, "Hayi sihlobo sami, ndikuqondile ukuba okunene u ngumfundisi, uyakwazi ukufundisa abantwana.

Lomotuko ka Velidyam, andazi zihlobo zam nokuba asinguwo na lo owenza ukuba umfundisi lowo abe minyaka mibili qa kweli lizwe lakowetu, kuba wabuba kweso situba ngo 1818 wayefike ngo 1816, kanti u Ntsikana uyaku buba ngo 1820.

Kutiwani namhla nje? Kutiwa u Ntsikana lowo likolwa labafundisi bokuqala, kutiwa wa guquka kubo. Ngabapi abo bafundisi bokuqala? Kuba u Velidyam lowo nguyena mfundisi wokuqala, ngapandle kuka Nyengana onga zange ahlale ndawo apa kweli lakowetu. Ndi ti ngabapina abo bafundisi, kuba umfundisi wokuqala owa bonana naye u Ntsikana ngu

yena wawa esiguqweni pambi ko Ntsikana, e vuma ityala lake?

Lenteto bantu bakokwetû kwam, inga inge fumane yandiswe, kuba ayingeni, noxa abafundisi sebede bayishicilela nasezincwadini, inteto yokuba u Ntsikana lo likolwa labo loku qala. Ngendingatini mna ukuba abafundisi abo oko babe nalo igunya namandla okwenza ilanga lipume ku Hulushe, ukuba babe nakö ukupâta nokulaula imimoya, ube ke wawuvutuziswa ngabo, lomhla waxakama u Ntsikana, akaba nakududa, ukuze ancame ayihlamble imbola, agoduke. Ngako oko, obawo betu aba fundisi ngati kum bayisukela ikude lendawo, bapanga u Tixo igunya lake, lokuba aguqula umntu ngapandle kwabo, balenza elabo. Imposiso embi ke leyo, kuba kubaliwe kwatiwa, "Zinikeleni ku Tixo izinto zika Tixo."

Ewe napakati kwetu, kuke kwako abatile abangembalwa, abangebancinanana kanjalo, abati bateta besiti esisi kumbuzo masenziwe ngegama lokumkani u Sandile okanye ngo Ngqika, okanye ngelinye lama gama amakulu Kodwa zihlobo zam kwapume lela eli lalombom igama, kuba kwakutunywe yena kuti; ngako oko impendulo yetu ku Bawo wetu. sifanelwe kukuyenza kwa ngo Ntsikana ukuba ubani uti u Ntsikana lowo wafa, wafa, singenzanga mpendulo intle, ewe, siyapendula ke nan hlanje; nokuba wafa, siyakolwa ukuba umoya wake awufanga, uko pakati kwetu no Tixo wetu, u Ndikoyo, "kuba akuko na-

"nye into engamnqabelayo yena u Tixo" Luke I: 37
Kwesisituba ngati kungaba kuhle ukuba sike sikangele

INTSUSA NENJONGO

Yesisi Kumbuzo. Kokwetu ukubona, nakwesi setu isizwe:-- Intsuso yalento kuti ibe zincitakalo ezi; site ngokucitwa zimfazwe ezi z'ndlala ezi nangakumbi sisiyikili sakwa Nongqause, sa'sho asazana, bati abafo bomfo omnye bangudasalabe wati omnye waya kuzalela abantwana ebu Ranugeni, e Mpintsho. na se S'rayiboso, o nye wabazalela abake abantwana e Nqabanqoz nase Hohita ema Xoseni. Suke bati abantwana bakuba bakulu baye emisebenzini e Rautini, kuti kulapo babonanè batandane; bati bengabuzananga bapange batshate. Mhlaumbi manditi, babuzene, koko ute noko omnye ati 'ndingum Qocwakazi,' nomnye esiti 'Nam ndingum Qocwa, yabuye yancinane lonto; kwafun aneka ukuba lawo ama Qocwa ngamanye, asingawo la singawo; kanti enyan'sweni uyisemkulu mnye bobabini bayalíva negama lake, koko kubo lonto yinto yamanyange. Kute ngezo ndlelandlela wanda umbulo, into ebilisikizi kowenu, kwanda ukuncola nokungabi sesikweni kwezinto nokungeva bazali nobuboja, zanda nezifoyifo ezi zalwa kukuncöla nobulima obuza nezono zombulo. Yini le! Kuzakutiwani?

Kwalile xa kute bâkada kuyilonto kwa yela i Lawana lalinye kwasema Ranugeni ngo

mnyaka we 1908 lawuti ntya umkosi epepenle "Zwi Labantu" lisiti "kuyakuhlala kunje kude kube ninina?" Latsho likànkanya u Ntsikana. Kupendule elinye elikwa Ntinde, kwateta e'inye elikwa Ndungwane. Aye onke evumelana ngelokuba makubeko into eyenziwayo egameni lesizwe, kuputunywe izinteto ezalahlwayo ngobawo, nasiti, kuba ubububi busihleleyo buze kanye ngokup kwa kwama zwi omtunywa ka Tixo ongu Nts ka a

Sitsho samema intlanganiso ezitile sadlana indlebe ngento emayenziwe egameni lesizwe ukuputuma iziteto zomfo wakwa Tixo. Sabona savumelana ekubeni masiti nokuba kukanye ngomnyaka, njengento ezingasazi lawuliyo, senze into yokuzililela e Nkosini, hleze kubeko itaru. Lonto ke yayingenguye u "Ndazandabona:" yayiyinto ekoyo ezizweni njengoko sesike sacaza ngapambili.

Umhla esaqala ngawo ukuyenza lenkonzo ngumhla wama 28 kweyo Mdumba [February] ngomnyaka we 1909, sasise Gqubeni kwa Ntinde. Sati emini saya kwenza isakombe ngapezulu kwe Qonce ekuyeni e Balasi. Kuloudawo sasenze isikinindi kuyo kwantshuliswa ihlati apo, ukuze singabuye siye kutandaza kulondawo. Ite kanti lonto inceda kwa esisi Kumbuzo; kuba sibone ukuba ngoku masiqutywe ngezitanga esizizo,—liti lilelo itanga liquke imfama namagxegokazi akulo, lizenzele itaruziso nemitandazo ngokwezondawo aku . Koti kwiminyaka emitatu kudi-

tyanwe kwenziwe isakombe ndaweninye; pofu inqubo yenkonzo yona inye kuzo zonke izitanga.

Sisayibeke apo ke inkonzo le, siyaquba, noko singeka qulungi nto kuba lenyaniso asikayigodusi nokuyigodusa ukuyisa kwezinkulu inkosi, ngenxa yengxakeko namalanga. Kwesisi tuba kuhle ukuke ndincede abo bangatanda ukuva ukuba lunjanina ke oluhambo. Kuleminyaka ilishumi linesixenxe siseluhambeni, ewe, sike savukelwa

ZIZIGEBENGA EZITATU,

Ezizezi: (1). Kutiwe tina sivukela umbuso wase Britani kuba um-Xosa ngumntu olunyawo lusehlatini, noko ngati olunye lusekaya; ngako oko akena kwenza nto yedwa, aze angavukelwa ligazi apange ehlatini. (2) Kutiwe tina siqekeza ityalike, sizenza ngcando namacaka. (3). Isigebenga esikulu nesinamandla kunazo zonke sesi sésitatu sokuba tina "sicalula ubuhlanga"

Zozitatu ke zihlobo zam ezizigebenga sizamile kwaye sizama ukuzilwa, kuba sizipambukisa emendweni wo Kumkani. Esokuqala sii ngaso unanina u Rulumente lento nanhla azakumva ngabantu umvukeli wombuso wake eyindoda eliso libazileyo njengati lelexalanga!? Kunanina lento sikwele ezinqweleni zika Rulumente, ololiwe xa siya ezi kumbuzweni, siyiqeshe yonke inqwelo nabaqubi bayo kanti siya vukela.? Uqale ninina u Rulumente ukuba sisiyata?

Ngendawo yesigebenga sesibini, sinikwe is tyolo sokuba tina ubutyalike siyabucakaca aho batshoyo batsho besalata ityalike eyati yakuva ubumnandi besi Kumbuzo esi, yaseyipuma kowayo, izitiya igama eliti yi "St Ntsikana." Batsho balate enye ete yona ili "Ńqina lika Ntsikana,"—kwaze kwabuye kwavumbu lukaeyazibia ngokuba ili "Twatwa;" i Twatwake zihlobo zam ngulamlanjana wancwatyelwa kuwo um Polofite lo.

Kutiwa ke ityala lalonto likuti. Endawen yokuba sibekwe elotyala mna zihlobo zam ndicinga ukuba singabekwa ityala lokuba ubutyalike kutiwe sibuhumba ngokugqitileyo, kuba nanku apa um Wesile, nom Tshatshi, nom Tiyopiva, nom Tiyopiya-Poqo. Kaloku ekufikeni kwezi tyalike, zafika singabantu abanye sisityela sityeni sinye, sisela ngendebe enye sishaya nganqawanye, ati omnye xa apuza komny e angacingi nokuyisula iximheya. Zite ke zona ityalike zakufika, zatata lo zatshona naye esapa, zatata lowa zatshona naye esepaya, nomn e kwanomnye, zafaka imfundiso zazo ezabeta salusali. Kanti silolosali njalo nje sitiyene ngokwenyoka nesele um ntu omaziyo ngulo wale tyalike yako qa-nowe gazi lako usisikwintshi ngakuye akumazi oko nje angekuvo le tyalike okuyo. Kunjani ke apa esi Ku mbuzweni? Iko yinina lonto? Nakanye, 'itambo libuyela kwitambo lalo:' ngako oko esisigebenga. masigxotwe sibulawe, okalazayo makal le ngokuti "Lento ibubumba gqita ubutyal ke, ibuyisela

isizwe kwakobuya bunye sasifike sibubo, Nasebuzweni kufuneka into ekwanjalo kanye kuba tina ma Xosa besidume ngokuginya izizwe, singenalucalulo.

Into efana nale zihlobo zam ndake ndayiva kutiwa kwake kwati ngenxolazwe yemfazwe ka Hintsa, i Pesheya labiza umfundisi u Dr. Phillip, kunye no Mhlekazi u Dyan Tshatshu nabanye ukuba baye kunika ubunqina malunga nezinto ezibangele imfazwe leyo. U Mhlekazi lo wafika waxakana nenjuzekazi ezipambili kwelozwe kwabekwa ofani ngofani bezityo pambi kwake; koko u Mhlekazi watatyatwa indlebe zombini sisityo awati akusibuza kwatiwa "yi fikisi" (fig jam). Zite ziqukeza intokazi ezilungiselelayo zase mlungwini (waiters), zimana uku qubeka ku Mntan' omhle zibuza into ezingamkonza ngayo, yeroqo inkosi yati "fikisi," kunge kungati ukushenxiswa ezo izitya, hayi inkosi yakala nge "fikisi."

Kwabonakala ukuba, ukuba bekuya ngayo inkosi, le fikisi ngeyi pekwa ngembiza enkulu ize ipakelwe esityeni samadoda, ibekwe ecaleni lobuhlanti, aze amane ukunamulula amadoda; koko ke akubanga njalo. Ngalembalana zihlobo zam nd zama ukubonisa ukuba msulwa kwetu kwesi sityolo sokucakaca ubutyalike, nditi abo bantu basuke bangasebesitya esisi kumbuzo bakuva ubumnandi baso, banga bangasebe ula ngaso um-Triniti. Zazinetyala na intombi zasema Ngesini

ngokwenza ifikisi ibe mnandi, ize kanti ayizikutyiwa ngale ndlela afuna yona uMtan' Omhlelo? Nakanye! Ngokunjalo nati asnatyala ngobu mnand bomhla wesi Kumbuzo, omnye enyakeni, babe abantu bewufuna nge veki zonke!!!

Isigebenga sesitatu nesona s yingozi kunazo zonke ezinye, sesi kutiwa, "T na sahlulahlula intlanga." Manditsho kwalapa zihlobo zam ezitandekayo, ukuti nalapo baya zika, — into yokwahlukahluka kwentlanga ayingebuzwa kuti, ungabona kwincwadi ye Genesisi 11: 7. Ewe kutiwa tína siya zahlulahlula intlanga kanti ngobu Krestu singabazalwana, waye ńo Nts kana ngokwake uti Ngaye: "Ulohlanganis' imihlambi eyalanayo." Kwalapa ke zihlobo zam, masiqonde ukuba esisi Kumbuzo sesokugqibela kwezikoyo; zaye zonke zizezobu hlanga; kodwa sipunyelwe ipulo ngokungati kumhla iviwayo lento isisi Kumbuzo:

Emtetweni wetu owenziwa ngumfi u Rev. J. K. Bokwe, waza wavunywa nali Bhunga letu Elikulu, akuko ncaso yasizwe esite satanda ukuba ngum Xosa. Iko imvume yokuba nabanina aye e Komitini yendawo akuyo, alingenise igama lake, abe lilungu laso, abe kuwo onke amateko, engabuzwa nto bani. Ke kaloku endaweni yokwenjenjalo zisuke izizwe zifune ukungena ngalomhla wesi Kumbuzo Lonto ungeva nomhedeni oti andifuni kuiznikela kuba kokeli nakubafundisi, kodwa ndifuna ukuya kuhlala nabo esidlweni se Nkosi.

Ngati mna zihlobo zam le ib'yeyona ndlela intle ukutsalela abantu kwinyaniso okuyo, ingapezu kokubafifinga nokuba kakaza abantu kuba lonto ngenxenye ikwa yingozi kuwe—nqwa nokuba ikati le noko ilutanda kangakanje ubisi inga ungalibeka njeya, endaweni yalo, iye ngokwayo kulo: iyaku kwenzakalisa uke wayibamba ngesixanti.

Kuko abantu abaninzi abangama Xosa abakubekileyo kuyo lendawo bade ababi savuma nokungena esi kumbuzweni; abo bantu mna zihlobo zam nditi;

BAZAMA UKUSONGEZA IMIVUMBO.

Ukuze sibetwe ngakungakumbi yi Nkosi, Cinga nawe mhlobo' am, umntwana wako enze impos so yedwa, aze ngoku xa umohlwayayo, alile n ok ti ubengevcowa, ube nobani nobani abaya kuyo lento, atsho exoka, etyola olunye usapo olube lungeko;- Ungamtini lomntana ? Ungasel'umnika isohlwayo esipindiweyo kuba pezu kwesono sake ungen'sa ngoku esoku xoka, nokutyola abanye abantwana. Niyabona ke zihlobo zam ezitandekayo lama Xosa akowetu, ati masityo'e isizwe ezazingeko, asinika ityala eligqitileyo, ngoko bangabantu boku ngayinikwa imbeko yobuzwe.

Kanicinge nani bantu bakokwetu ukuba singati sike satumela abatunywa bava kuma Bulu sisiti makangene nawo esi kumbuzweni sona Polofiti u Ntsikana Ongcwele, ataruzise kunye nati ngalo olusuku kuba umtunywa

owo wa Komkulu samlah'ayo, asazipulapula inteto zake ezingcwele. Angati ete ama Bulu lawo "sasipi"? Singati ayepi? Wona ama Jamani esibuzile singati ayepi? Singati sisu se abatunywa baya ku Mhlambiso, nokuba kuku Zibi nokuba kuku Njokweni nokuba ku ku Mabandla nokuba kuku Ngwabeni, nokuba kuku Matomela, nokuba kuku Mpahla okanye nokuba kukuyipina enye Inkosi yasema Mfengwini, sisiti mayingere navo resizwe sayo: esi kumbuzweni som Polofeti u Ntsikana Ongcwele kuba nayo inetyala,— zihlobo zam, abo bantu ngati kum banga pendulwa kakubi,— babetwe emlonyeni bengakayigqibi nalonto bezise yona, kutiwe zintsataza (ontaminani,) umzi bazokuwusulela ngetyala elingelilo lawo. ongalaziyo rokulazi, batsho besiti sasingeko tina xa nimngcikivayo um Cira lowo, twalani ityala lenu nedwa, ningahambe nilityikila ngati yintoshe yosapo.

Nditsho ke lusapo lwakowetu; nditi sihlangene nezo zigebenga ngendlela, saza senjenjalo ukuzilwa kwetu, nangani zingento zifa lula,— nanku ke niyizalisile lendlu niquba ningemi ndawonye, niya ngcambaza noko ngati kunzima, kuba ningaka nje apa bangaka kwa Ntinde, bangaka ema Ranugeni, bangaka eba Tenjini, bakwangaka Pesheya kwe Gqili ne Ligwa; baye taruzisa njengani nje, banyusa isiqumiso ngolu suku. esingasafi kuke singa pendulwa kunjalonje sipendulwe kamsinya ngokokolo lwenu.

Mandike ndize kwinteto yoninzi lwakowetu oluti lona kulento.—

# "ASINATYALA NGOKO ASINASIBETO"

Ukuba lenteto ibingaveli kwinkokeli zetu kwesisi Kumbuzo, bendingayi kuyinanza kuyapi, koko ipuma kuma Xosa amaninzi apambili kanjalo nalapa esı Kumbuzweni, iyakuni tyedatyeda izimvo, ke, ngoko ifanelwe kukuke ityetyeshwe. Aba ,bantu bateta le nto pofu nabo baya nqina ;ukuba sinetyala, sipantsi kwesi beto, kuba nezi fundo zetu zalomhla zivuma ityala, ziyataruzisa, ungakangela kwi Ndumiso 51-1-17; nakwi Zililo 5. apo sivuma ityala, sivume nelo bawo. "Ngenyaniso sinetyala Gen. 42:21,;- Ityala letu lityala loku ngabi nyulu, kuba u Nxele ulahleke waye shumayela ubunyulu, u Ntsikana ngoku utunywa ukuba anqande abantu, bangemki no Nxele i Tola elijike lancola, usuke u Kumkani u Ndlambe, amgxote u Ntsikana ngeliti "Indlebe ziyakubeta betana," apo ngeleke wamema isizweukuba size kutelekisa lenteto yalama Tola, kugwetywe elilahlekileyo. Zeniqonde ke bantwana bama Xosa ukuba yayi ngafumananga i Nkosi yatuma abatunywa bayokuti, kwakungenxa yokuncola okwakuko esizweni, ifuna ukuba kugutyulwe.

Ityala letu kanjalo lela lomhla wati u Ngqika aku kolwa ngu Ntsikana, samputuma,— wati u Mhlekazi akupendula akuti "Lento ndifuna ingenwe nini kanye, nditume nina ukuyisa emaziko,— e Mnzwini nakowetu kwa Gcaleka!"

Sati tina "Maka lahlwe ukuze eve ububi bokuba yedwa." satsho simbuza ukuba uswele ntonina, eye kuzenza i Lawu nje, kuba inkomo zezake, abantu ngabake, ama hlati ngawake, inyamakazi zezake, inyoka zezake, omhlaba wonke ngowake ?

Nokumbula ukuba bati besitsho obawo, babe behlaba isiyikayika somdudo onyanga ntandatu, zavuswa pantsi iziyolo, kwatiwa namhla imbola mayenziwe igugu.—kwenjiwa njalo ukubuyiselwa ko Mhlekazi kwase bubini bake.

Xa ndilapo ndifuna ukuti kuni bafo bakowetu bapambi kwam, nakuni zintombi zakowetu ezindipulapulayo, ziveni ninetyala ngayo lento, nibe buhlungu ngesenzo soyihlo niwe pantsi nidanile ngemihla enje; kuba singaba siwa vumbululelanina amatambo omntu ka Tixo ?

Ama Ntakwenda ! ama bandla ka Leta no Libela makazive enetyala ngalo mhla kuba lomdudo mkulu wawu kuwo, nalombola yaqalwa ngawo ukwenziwa igugu; kanti ayekunikiwe ukutenjwa sisizwe kunga cingwa ukuba ingaze ide ibe ngawo kanye abulala inkosi ne Komkulu.

Ama Ngwevu ! ama bandla ka Tshangisa ka Sikom ka Zulu maka zive enetyala, alivume, ataruzise ngayo lemini, kuba umzi wama Tshawe wawuhlutwe ngawo ku Cira, aza anikelwa ukuba abagcine abantwana abahle

besizwe, kodwa ngalomhla ibe ngawo kanye ayibukuqayo inkosi,— namhla nje alivakali nelizwi lawo lokunqanda isizwe, kuba aye lapo ngokwawo.

Ama Kwayi! umzi ka Togu ka Gando we Ntshaba, makazive enetyala, alivume namhlanje pambi kwe Nkosi kuba ayeko engabancedisi xa i nkosi iwisway‌o yaye inkosi leyo ingumzalwana wawo, kanti kubaliwe kwatiwa; "Uqalekisiwe omhlebayo umzalwane wake ngasese". Kuba ama Kwayi lusapo luka Togu, luka Skomo luka Ngconde, kodwa ashiye umntu ka Tixo no Noyi beno Matshaya.

Ama Cira! usapo luka Qangqolo luka Mhlandla - Ndlovu, luka Ntswentswe, maka yeke ukutshakambula maka vume ityala ataruzise e Nkosini, kuba lemini yimini yokuvunywa kwezono nini lusapo lwama Xosa, kuba u Ntsikana lo ngum Cira, kodwa ude wafa bengeko abantu bakowabo, ngapandle kwabafana onyana bake bobabini oka Nontsonta noka Nomanto uKobe no Dukwana ufundo lwake nomsimelelo wake"

Ama Kwemta! makawe namhlanje avume ityala kuba lemini yeyokuvunywa kwezono, kwatinina akuze angabi saba ma Cira nje kwakunge ngenxa yezono ezi na? ezi wayekalimela zona lomntu ka Txo? A yepin' ama Mfene? Amabandla ka Hlati!

Ama Nzotwa! makazive enetyala kuba babepina oNyelenzi umzi ubukuqwa nje babe-

ngekona na emdudweni onyanga ntandatu wokukupa u Mtan' omhle ebukolweni ?

Ayepin' ama Gqwashe ? Makawe namhlanje avum' ityala la wo.- akumbule ukuba ngu Ntlebi owayepambili mini kwaya kubiwa u Tutula e Mnyameni, mhla lenziwa isikizi nenyala ema Xoseni kwi ntlolo yohanga; kanti kwa wona ama Gqwashe lawo ayakuba semva ukuyopula inkosi mhla itshayo ngumlilo obaswe ngawo ! ! !

Ayepin' ama Bamba ! usapo luka Rila luka Tangana:- ama bandla akwa Ngutyana owa konziswa ngama Tshawe mhla afika, kodwa namhla ubu Tshawe abugwelegile ? Ayepina, ama Mpinga ! izikulu zalomhlaba usapo luka Gxabagxaba ezite kanti ziyakubuye ziwubukuqe umhlaba ngoku wuzela netyala; Aye pina? Ama Zangwa usapo luka Kwalo. Ayepini ama Qocwa amabandla akwa Zikali angaziva namhlanj' enetyala, kuba ayeko nga lomhla wanyenjenywa umntú ka Tixo, se zi boniwe izenzo zake, zanqinwa iziteto zake! Ayepin' ama Nywabe usapo, luka Gatyeni ? Nywabli, Ayepin' ama Jwara ? Ama Jwara anetyala elikulu amakalive, alitaruzisele ku Ndikoyo. kuba u Ntsikana amyekela ngonyana ka Jotelo, ka Ntika, asemdudweni wona ayenza igugu imbola. leyo sifa namhlanje sinamatele kuyo ingasincedi lüto, ingayincedanga nto nenkosi leyo, eyati kanti ayinayo nanye kwezonto sasisiti zezayo. Ayepin' ama Nqosini? amabandla ka Gaba. Ayepin' ama Giqwa ? usapo luka Jikijwa !

Kanitsho, Ayepin' ama - Cira akulo Nxele? Ma Tshawe! Ba-Hlekazi; elenu lalisitinina xa kuputunywa u Ngqika, kusitiwa uswele ntonina ezenza i Lawu nje kanti izinto zonke zezake! Zipina ke namhlanje ezonto! Aziputunywanga na ngu Lowo wayembolekile, kuba engalenzanga ilizwi lake? Ngoko ma Tshawe buyani nesizwe! Wayetshilo u Ntsikana ukuti ukuba lamazwi aniwamkeli, niya kuba njengobisi olupaleleyo, Kunjani ke namhla, Umvuli Nomvali wenkati ngubani? Isicangca sezizwe zonke ezilapa ngubani?

## IGWELE PAKATI KWESIZWE.

Kuko pakati kwenu abaya kutanda ukuva ukuba kuleminyaka ilishumi elivayo siqubayo esisi kumbuzo kuko n'o na ibonakalayo ukuba kuko igwele elikoyo pakati kwesizwe! Ukuwu pendula lombuzo Mhlalingapambili nani, ntlanganiso ebekekileyo, kuyakulitabata lanolom ixesha lenu kanti sendenze kangaka ndisaza kwenza kakulu kade, kuba kumhla sibonanayo Kute kwangomnyaka we 1909 esaqala ngawo isikumbuzo. kwayintshukumokazi enkulu kwizinto zombuso zenqulo kwa nezentlalo yamakava Umbuso udale uManyano lwamazwana onkeeli, kwatiwa kwenziwa inqu yokuba aze umntu omnyama apulwe umqolo —koko endaweni yoko izizwe zapulene zodwa imiqolo kwati kuyimiteto yazo yasuke yapatu ipalala.

Okunene zibeko kakulu nenqekeko ezityalikeni, zati kanti ezonto zizakuza nezifundo ngapezu kwengozi ezize nazo. Kubabate abaya bebe ngafundi nto ezityalikeni zabo ngokusitwa ngabapambili, baqala ngoku bakupuma bakuzipatela itvalike babuva ubunzima, bayo, zati ngoku inzima zedyokwe zabaqutisa, zati nezamali babesiti zityiwa ngozitile nozitile, bavulwa amehlo ngoku, baqonda ukuba obani abo kanti bebengatyi nto. Ngoku oqekekayo uke acinge kabini, kuba kuyasa ezantsi.

Kuleminyaka ilishumi linesi xenxe zifundwe kakulu izinto zesi Xosa, nencwadi zesi Xosa, kube ngapambili bezinga bekwa nokubekwa izinto zesi Xosa, namapepa endaba, nemiteto, namasiko, nem'sebenzi yezandla yesi Xosa: Izitebe, inkukointluzo, injica, iminyazi, nezinye izintoyinto enizibonayo nani ngoku; kanti ngapambili, nokufuya inkomo oku kwakuse kulihlazo nesono. Intombi ngoku ziya kufunda ukugangata, nokusika imizi, nokuvikanda, noku yiluka, noxa zivela ezisinaleni, Kumadodana kukwanjalo aka imizi, ayapuma ezidolopini ayalima,

Isi kumbuzo zihlobo zam, sinomsebenzi esiwenzileyo ukudibanisa tina namanyange akowetu, besise sigabadele kakulu, sihamba. uhambo esingaziyo nati ukuba siyapina;—sesiwazilile amagqira akowetu, sesilahle jwi, jwi, namaqwíli, nemihlonyane, namatsho-

ngwe. ukufa sekuzenzela. Kwangakumayana xa i Bunga elikulu lixoxa ngeziqiniselo zamagqira ate aqondakala; e Mtata. Kwati kanti oko kukuhamba kwegwele pakati kwesizwe.

Enye indawo esifike sanqinelana kuyo namanyange akowetu ndayibona mhla ndaya e Twatwa kwincwaba lom Polofiti u Ntsikana Ongcwele sasitunywe apo yi Komiti enkulu ye si Kumbuzo esi ukuba sike siye kuyibona lendawo walaliswa kuyo lomtunywa we Nkosi, Okunene senjenjeya saya safika, satetana nentsapo yama Gropp neyama Locom eyayingabanini befama leyo likuvo eloncwaba, saye nakubo sasine miteto nemiyalezelo,-'sasizinto zontandatu' ngabafundisi bobabini.

Mna ndaya kufika tanci encwabeni, andanilibala nonke lusapo lwama Xosa, no sifunayo nongasifuniyo esisi kumbuzo ndambekela ilitye pezu kwencwaba elo. Ute kaoku umndilili onabafundisi wakufika, yaqalwa pantsi inkonzo, imitandazo, indumisonenteto. Kuloko zihlobo zam, sasisitsha, sasi fana nama Silayile kwi Ntaba Etshayo,—sasi njimbilili, sitandaza, singavumi kugqiba ndawo. Kodwa mandinixelele, yonke iminqweno yenu ngesi Kumbuzo sasiyipete ngezifuba, si tshiswa yiyo. Intsimbi ka Ntsikana, elilitye lelingumkence sayibeta nayo; isalila kamnandi kwangokoko.

Amazwi omfo ka Vela, u-Melani, wasema Tunzini, indoda eyazalwa ngapambi kwemfa-

zwe ka Hintsa, asahlokoma kum. Kuba wati xa zigqityelwayo ezonkonzo zilusizi, wetimbililili wati:—

" Nantso ke madodana lendawo nite, Mandi "nikape ndize kunibonisa yona, ulele kule- "ndawo ke lo Ntsikana niva kutetwa ngaye, "enani nenza isi Kumbuzo sake; maze ke "namhla nisiqube esisi-Kumbuzo, ningabuye "ninqandwe nto. Maze nomelele bafana bam, "ningoyiki nto, nikalipe, niqine !"

Niti ke nina bantu bakowetu ingaba ndim ongaze ajike asinikele umva esisi-Kumbuzo? Kona senditetelwa amagama amabi ngaso; ndilahlekelwe nangamaxesha anexabi-o ngaso? Ngati kum ningati nike nasibaleka nina nasilahla njengezinto zetu kade ezimana ukwenjiwa njalo, *ndingasenzela nakulom nqutyana ndihlala kuwo,* kunye nentsatshana endiyi bolekiweyo, *siquqe ngamadolo sijonge nga kwi Ntaba ka Ndoda, sisenze isiqumiswana esingumtandazo wetu egameni lesizwe sam.*

Kwalapo pezu kwencwaba lom- Polofiti ndi nelitye endalitabatayo, ndalipatela ityalike yakowetu le, ndalifaka pantsi kwalomqonga ukuze ati wonke ubani eshumayela apa kowetu, engazi yena, abe eshumayela pezu kwe litye lom–Polofiti nelesi Kumbuzo. (Liroliwe kwaboniswana ngalo yintlanganiso).

Mandinixelele lusapo lwakowetu ukuba safika elo ncwaba sili cinelwe kakuhle ngama nyange akowetu, e Twatwa, kwisiqingata sase Mpofu (Stockenstroom): Safika sinemfumba

enkulu yamatye. Ekute kanti leminyaka mininzi idlulileyo, singacingi nto tina ngo Ntsikana nange sizwe setu, wona amadoda amakulu, akangxoli, agcine kupela ukuposa ilitye pezu kwelitye, yonke leminyaka, xa umntu agqitayo, apose litye, acele itaru, acele uxolelo, acele indlela entle, nentsikelelo yentsapo yake. Safika tina leyondawo seyi *Sisivivane*: igama elidala lakowetu, lendawo yokunqulela u-Tixo. Namhlanje ke nditi lusapo lwama Xosa, ati kanti amanyage akowetu asigcinele ilifa, esite tina sisi *Kumbuzo* aye siti wona *Sisivivane*.

**Oko sati saqalwa** esisi Kumbuzo, mna **bafo bakowetu,** nani zintombi zakowetu, ndi **nento endiyibona** ndedwa: Ivilikazi enkulu, **ete nqo pantsi, yati** nqo ngapaya kwamafu; **iyajikwa** ngesandla esingabonwayo, ijika nazo zonke izinto zendalo ka Tixo; uluntu nezikumkani zonke zijika kunye nayo, amaxesha ashunqushunqulwa kwayiyo; abebengapantsi baya nyuswa, abebengapezulu bayagungxulwa; abe benganeno basingiswa paya, nabebengapaya basingiswa neno, Imiteto eyenziwayo ipata ipalala, izikumkani ziyapepeteka; sibona umqondiso ezinkwekwezini, nasezulwini yonke imihla. Ixesha libi. bamhani isi Kumbuzo. Yiti kusasa uti qa intwana yaso, wena kunye nentsapo yako; uze ngokuhlwa ubuye wenje njalo,- ungalibali ukuwuti tshwe kwangaso umzimba; usidibanise nomhlonyane osecaleni eziko, ongu Mnqopiso Omdala no Mtsha.

Kwesisituba mandenze ibali; ndibe ngelobali ndiz'ma ukubonisa ukuba masitinina:

Kwincwadi yesibini yokumkani, kwi sahluko sayo sesine, kwivesi 1—7. kuko leli bali: Umfazi otile wabùjelwa yindoda, yam shiya nonyana ababini, yabashiya netyalailifa eyabashiya nalo. Ityala ekwade kwabonakala ukuba ngenxa yalo bazakutinjwa batengiswe abafana abo, ngokwesoko lezomini bayekuba ngamakoboka pipipi.

Ute umfazi lo ngobuhlungu balento, wabale ka waya kumfo wakwa Tixo. Ufike walwandlala olusizi lwake. Uqale umfo wakwa Tixo wabuza wati, "Ndikwenzele ntonina." Kodwa uqondile kwayena ukuba lombuzo uyaku xaka, wawuroxisa wabuza omnye oti, "Yintonina onayo?" Ukuze ke umfazi apendule ati Uneselwa le oli qa. Uqalile ke umfo wakwa Tixo ukuti, "Hamba uye kuboleka izitya, zibe zininzi, uze ungene endlwini, wena nonyana bobabini, n'valelane nedwa; uze wena upate iselwa elo ube ngumtululi; omnye unyana abe ngumsondezi wezitya ukuba kutululelwe kuzo aze omnye unyana abe ngumshenxisi wezitya xi ngoku zizeleyo yi oli. Kutiwa lonto yenzeka; ute ke kwa umfo wakwa Tixo mabayitengise bahlaule ityala elo baze bapile ngayo e seleyo. Baba bayakululeka njalo ebukobokeni, bazizima-mhlaba.

Ngelibali ndifuna ukuti kuni lusapo lwama Xosa, nilapa ke, nize kumfo wakwa Tixo, nize kuzililela kubukoboka enifakeke kubo nenibonayo ukuba nisaya niseyela ngokweyela kubo

nangoke umbuzo usîngiswa kuni, kutiwa yintonina eninayo; Impilo yenu izakusetyenzwa ngobuncinanana eninabo, obucishwe nini kanjalo,; lomfazi wayenazo ibizana iqiyana nengutyana ezindala; kodwa ucishe ukuxela eliselwana le oli; kwasetyenzwa pezu kwalo, lamnceda, wapila wakululeka ebubanjweni, wangumuntu kunye nonyana bake.

Nditi bantwana bama Xosa, bakokwetu kwam xa sesenjenje pambi kwe Nkosi engaka, u Mnininto zonke, umsebenzi wetu kukuzandlala ububi esikubo kukuxela intwana esinayo sakubuzwa lombuzo, buze nobuntu béu busetyenzwe ngayo, nobupantsi, nencitakalo zibhlangulwe sakeke sibe sisizwe; ngoko kupenduleni,

"YINTONINA ENINAYO?"

Bantwana bama Xosa ; ngati ngumsebenzi wam mna ndimiyo pambi kwenu, ukuke ndityile izinto eninazo kuze kube kuni ukucitsha. Ziti izizwe ningabantu abanamandla abane ngqondo ninerashi lobuzwe, nungamaciko okuteta engoma, ezi zizwe zitela okukuteta ke zizizwe ezinganitandi nganto, zixela nje invaniso njengokuba injalo.

Maniqonde ke ukuba lamabala ngamabala ezizwe ezikulu, ama Roma, ama Grike nezinye.

KANITABATE KE AMANDLA.

Amandla enu aniwaboni nina nqwa nehashe kuba lingawaboni awalo; kanti ke awenu angaka, ningati nike nati kusasa ngomso

nahlala anapangela, ingati ibeta idinala, ube wonke umzi omhlope sewupumile, ulapa, uxela ukuba akutyiwanga, akusetyenzwa nga ilahleko ngalentsasa yodwa kuledolopu seyikuma kulu omahlanu amawaka eponti (£500,000)

Niti ke Abantu abanokuti ngokusonga izandla oku benze ilahleko engako kwesinye isizwe makube bango bekapi bebeke igxalaba evilini basebenza. Anditsho ukuti zeni ngapangeli, kuba ngalondlela noba isibeto senu anisitobeli. Nditi "bekani igxalaba evilini;- "okanye cishani amandla nise wonae Nkosini, kumbuzo oti, Yintonina eninayo?

KANITABATE IRATSHI LOBUZWE.

Lendawo ngendike ndenze ngabom ndiyitsolisele kuni mzi wasetyini; nditi zintombi zasewetu, iratshi ninalo, koko eli lenu alaki sizko liyasibulala, alinakusiwa pambı kwe Nkosi

Umfazi wase Samaria angade abe waye yinto ayiyo; kodwa isimo sezinto zezwe lakowabo wayezifundile, unqulo, umbuso, ne zasekaya;- neloqula wayeyekuka amanzi kulo wayelazi ibali lalo. Nentshaba zesizwe sake wayengalindele kuzipa manzi, kuba wayezazi. Nditi ma- Xosakazi ngati anizilandeli izinto njengokuba zisenzeka, nisuke nazenza amahanxa kwezizizwana zonke zifikayo. Tina sesisuke sangama hashuhashu ezizweni nge nxa yokumka kwenu nesongo sobuzwe, niye kusınikela ezizweni.

Kwakona anizidli ngati; anibasizi abawayo

endaweni yokusikutaza, nisuke nangababoneli. Niti ngomlomo, 'niyasitanda,' kodwa ngezenzo, nizintshaba zaba nakwenu.

Kwakona nditi aninabuso bom-Xosakazi xa nditshoyo nditeta lento. intombi ezimhlope ziyayitanda kakulu lemidaka yama-Afrika, kodwa iti intombi emhlope yakuqonda ukuba yinile! Iyoyiseka ngum-Afrika! Iqale ngoku iti tshintshilili irole ubuso be Ngesikazi: abonakale umfana wom Afrika etshijila enka. Xa ndiapo, nditi nitenina nina ma Xosakazi lento ningena buso bom Xosakazi bokugxota izilingo ngapandle kwengxolo?

Kuni mlisela wakowetu nditi iratshi lenu lokunga zonke ezintwazana zintle zesizwe sako, ungazi ncolisa uzikupe isimilo alilihle, alinaku bekwa pambi kwe Nkosi Iratshi lokubekwa pambi kwe Nkosi, leliku selayo, likusela izidalwa ezibutataka njengo Mosisi ekusela intombi zika Yetero.

Mand buyele kwa kumfazi wase Samaria nditi fundani uluto zintombi zakowetu ngayo lenkazana; ngexesha u Yesu awaye teta nayo njengom Juda nje kodwa ayimnanzanga, kodwa ngexesha ate wateta nayo njengo Mesiya. (owayelindelwe sísizwe nayiyo.) yawa pambi kwenyaniso, yanceda nesizwe sakowayo ngokwenjenjalo oko. Nalo uhlobo lweratshi lobuzwe eningati nicishe lona.

KANITABATE UBUCIKO BOKUTETA.

Ngobuciko bokuteta ningabála incwadi ezi fundekayo, zitengiswe; iti ingenelo yazo iye enxoweni yesi Kumbuzo. kubeko imisebenzi eyenziwayo eluncedo lwesizwe. Kwakiwe ne Holo e Qonce, yesi Kumbuzo, njengoko u Mongameli wesi Kumbuzo ahlala evakalisa lomnqweno.

KANITABATE UBUCIKO BENGOMA.— Kwi minyaka engepi edluleyo, kuke kwafika apa e Monti ikulu (100) lamadodana amnyama avela e Dikeni, eze kuvuma apa. Enza amakulu atile eponti kulamzi umhlope (Town Hall); kute ngomhla olandelayo aya kuvuma kolwa tango lungase lwandle, apo kwakungena abantu abaku mawaka amahlanu (5,000), umntu engena ngesheleni (1/-), lonto yenza amakulu amabini eponti ngeyure ezimbini; kodwa lo mali abavumi abo abayazi nalapo yaya kona, kuba babepetwe yimpi emhlope. Aye ke enga qali kuba ayeyile nase Kapa nase Bhayi.

Angake abuze omnye umntu ati: Kunanina lento ngati sizizinja zona kufunzwa ngazo inyamakazi, kutyiwe izihlunu nemigonyo, zize zona ziposelwe amatambo, nawo ngokusuke axake ukunqatywa. Kanti noko izinja azi zange nemini enye zike zitetane ngokuya ku zizingelela nazo inyamakazi, zizityele amanqata nezihlunu?

Yintonina lento bati abantu abanjengati nje, abapiwe zonke izipiwo zezizwe ezikulu, nezi dumileyo. kanti nangemihla enje, abanako ukuzisa nasinye pambi kwe Nkosi, basisonde-

ze, ize ibasikelele ngaso? Yintonina eninayo? Iyabuza i Nkosi!

Niyabona ke ningati nike nacisha ingoma le nayisondeza u Mongameli wetu obekekileyo, u Mr. M. Pelem, angawukupa umteto ngenye imini, kunye ne Komiti yake engenakumbi, apambanise amadodana avumayo, ati awase Monti apa aye kuvuma e Bayi, awase Bayi aye e Kimbile, awase Kimbili aye e Monti, awase Komani awe e Rautini, awase Rautini aye e Bloemfontein, awase Bloemfontein aye e Komani.

Anditsho ukuti kungema ngalondlela, kodwa ndiyalingan'sela; angati ebuyela amadodana lawo ezindaweni zawo ibe ingakananina ingenelo ayenzileyo esisiqalo? Lento ingaba sisiqalo esihle, siqubele kwezinkulu izínto; kutengwe imbewü, njengoko sekuké kwenziwa e Bofolo. Lonto ingaya ekutengweni kwemi hlaba iye ebuntwini obupeleleyo. Singamisá izikolo ezikulu zemfundo enzulu. Singahambisa i Lizwi ezinyameni,—lomhlaba singawuguqula ube lízulu.

Mandigqibe ngombulelo kuwe Mhlali Nga pambili; nakuni matol' enkunzi zakwa Palongokundilandela, nindipulapule kangaka, ndide ndinge ndinanto ndibe nditeta yona, ndinge beni, ndingeni, ndingakwazi nokuteta.

**Taruni —**

Taruni matol' e Nyongande-kudlelana ?
Taruni matol' emaz' ezimabele-made ;
Matol' ent' ezipat' ikaka ngokohlo,
Ent 'ezipet' irele ngokunene.—
  Matol' ezirwalaxu, ndiyataruzisa !
Nakuzilumkel' izimilomilo ;
Nakuzilumkel' intlondintlondi ;
Kwakunye namashwangusha
  Aza kuni nentlangantlanga.
Tina bandlebe zezibetabetana,
  Namhla no Menzi siyaseselelana :
Tina senz 'umdudo wenyanga ngenyanga,
  Namhla no Tixo siyatetatetana.



# I KOMITI ENKULU YESI KUMBUZO SIKA NTSIKANA.

E. Johannesburg ngo 1926.



I Mbongi ye Sizwe ifake umnweba,

M. G. Khila
Chatham Street
Cape Town

5-5 27